# Isifundo 4

** 18–24 Januwari*

# Ukusuka Eziko Ukuya EBhotwe

## SABATHA EMVA KWEMINI

**Fundela Isifundo Sale Veki:**
Daniyeli 3, IsiTy. 13:11–18, Eks. 20:3–6, Dut. 6:4, 1 Kor. 15:12–26, Hebhere 11.

**Indima Yenkumbulo:**
“UThixo wethu esimkhonzayo unakho ukusihlangula ezikweni elivutha umlilo, kwaye uya kusihlangula esandleni sakho, Kumkani” (Daniyeli 3:17, NKJV).

Kungoko aba batsha, bezaliswe nguMoya Oyingcwele, bavakalisa kuso sonke isizwe ukholo lwabo, ukuba, Lowo bamnqulayo kuphela koThixo oyinyaniso nophilileyo. Oku kulubonakalalisa ukholo lwabo, yayibubona buciko bunikiweyo bemithetho-siseko yabo. Ukuze babatsale abanquli bezithixo ngamandla nobukhulu bukaThixo ophilileyo, abakhonzi baKhe kufuneka baveze okwabo ukumhlonipha uThixo. Kufuneka bakubonakalalise ukuba nguye yedwa abamnika imbeko bamnqule, nokuba akukho nto yimbi abangayijonga, ingekuko nokusindisa ubomi babo ngokwako, okunokubahenda ukuba benze noluncinane uyekelelo banqule izithixo. Ezi zifundo zinolutho olutsolileyo noluphilileyo olunento yokwenza namava wethu kule mihla yokuphela.”—Ellen G. White, In Heavenly Places, p. 149. Lo gama sijongene nokoyikiswa ngokufa kuba umba wonqulo ubonakala uyinto yaphambi kwemihla yesayensi neenkolo, isiBhalo siveza ukuba, ekupheleni kwexesha, xa ihlabathi liya kuba “lihambe” kakhulu, into efanayo iya kuvela, kodwa ithabathe umhlaba wonke. Ngoko ke, kwisifundo seli bali, sifumana iimbono kwimiba ekuya kuthi, ngokwesiBhalo, abantu abathembekileyo bakaThixo bajongane nayo.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 25 Januwari.*

# Cawa

*19 Januwari*

# Umfanekiso Wegolide

**Funda: Daniyeli 3:1–7. Yintoni ebonakala ikhuthaza ukumkani ukuba enze lo mfanekiso?**

---

Kudlule isithuba samashumi amabini eminyaka phakathi kwephupha nokwakhiwa komfanekiso. Sekunjalo, kubonakala ngokungathi ukumkani akasayi kuphinda alilibale iphupha nokuba iBhabheli inomyolelo wokuba kuza kubakho amanye amagunya endaweni yayo. Ngokunganeliswa kukuba yintloko yegolide kuphela, ukumkani ufuna ukuba amelwe ngumfanekiso opheleleyo wegolide ukuze axelele abantu bakhe ukuba ubukumkani bakhe buya kuma kuyo yonke imbali.

Le ngqondo yekratshi ikhumbuza abakhi beNqaba yeBhabheli, abathi, ekuziphakamiseni kwabo, bazama ukunika umngeni uThixo ngokwaKhe. OkukaNebhukadenetsare ukuziphakamisa nako akukho ngaphantsi koku. Wenze okukhulu njengomlawuli weBhabheli, kwaye akanako ukuphila nengcamango yokuba ubukumkani bakhe, ekugqibeleni, buza kudlula. Ngoko, kumzamo wokuziphakamisa, wakha umfanekiso wokuvuselela amandla wakhe aze ngokwenza oko anyuse ukunyaniseka kwabantu abalawulayo. Nangona kunokungacaci nokuba umfanekiso umiselwe ukuba umele ukumkani okanye uthixo, kufuneka sigcine engqondweni ukuba ngexesha lakudala yayingacacanga imida phakathi kwezopolitiko nenkolo, ukuba yayikho.

Kufuneka sikhumbule, kwakhona, ukuba uNebhukadenetsare wayenamathuba amabini okumenza ukuba aqhelane noThixo oyinyaniso. Kuqala, uvavanya abafana bamaHebhere abafumane benengqondo ephindwe kalishumi kunezinye izilumko zaseBhabheli. Kwakhona, emva kokuba zonke ezinye iingcungela zisilele ukumkhumbuza iphupha lakhe, uDaniyeli wamnika ingxelo ngeengcinga ezisengqondweni yakhe, iphupha, nokuchazwa kwalo. Ekugqibeleni, ukumkani wakuvuma ukongama kukaThixo kaDaniyeli. Okumangalisa ngokwaneleyo, ezo zifundo ngoThixo zidlulileyo, azimthinteli uNebhukadenetsare ekubuyeleni umva ekunquleni izithixo. Ngokuba kutheni? Kunokwenzeka ukuba likratshi. Abantu abanesono bayamelana nokuvuma inyaniso yokuba ubutyebi babo nabakwenzileyo ngengqondo zabo konke ngamampunge nokuba kubekelwe ukutshabalala. Maxa wambi singenza izinto ngokufana no“Nebhukadenetsare” omncinane xa sihoye kakhulu esikwenzileyo, siyilibale indlela konke okungamampunge ngayo xa kujongene nonaphakade.

**Singakufunda njani ukungawi, nokuba kungendlela ezincinane, kumgibe ofana nalowo awa kuwo uNebhukadenetsare?**

# Mvulo

*20 Januwari*

# Ukubizelwa Ekunquleni

**Funda: Daniyeli 3:8–15 nesiTyhilelo 13:11–18. Ziintoni ezihambelana kunye esizibonayo phakathi koko kwenzekayo ngexesha likaDaniyeli noko kuya kwenzeka kwixesha elizayo?**

Umfanekiso wegolide omi kwithafa laseDura, ogama lawo ngokwesiAkkadiya lithetha "indawo ebiyelwe ngodonga," unika into ethi loo ndawo ibiyelweyo yingcwele ebanzi. Ngokungathi oko kwanele, iziko lomlilo elikufuphi lizisa ingqondo yesibingelelo. Umculo waseBhabheli uza kuba yinxalenye yengoma yenkonzo. Iintlobo zezixhobo zomculo ezisixhenxe zidwelisiwe, ngokungathi zinika ukuphelela nokuba nocwangco lokudumisa. Namhlanje, sigxwalwa macala onke ukuba samkele iindlela ezintsha, iimfundiso ezintsha, sahlukane nokuzinikela kwethu kwigunya likaThixo njengoko liboniswa eliZwini laKhe nokunikela ukuthembeka kwethu kubalandeli beli xesha lobukumkani baseBhabheli. Umtsalane wehlabathi maxa wambi ubonakala usoyisa, kodwa kufuneka sizikhumbuze ukuba okona kunyaniseka kwethu kokugqibela kokukaThixo uMdali.

Ngokwekhalenda yesiprofeto, siphila kwimihla yokuphela kwembali yomhlaba. IsiTyhilelo 13 sivakalisa ukuba abemi bomhlaba baya kubizwa ukuba banqule umfanekiso werhamncwa. Loo nto imiyo iya kwenza ukuba "bonke, abancinane nabakhulu, abazizityebi nabangamahlwempu, abakhululekileyo nabangama- khoboka, ukuba baphawulwe lilo esandleni sabo sokunene, nokuba kusemabunzini abo" (IsiTy. 13:16).

Zintandathu iindidi zabantu ekuthiwa zinika imbeko kumfanekiso werhamncwa: "abancinane nabakhulu, abazizityebi nabangamahlwempu, abakhululekileyo nabangamakhoboka." Inani lerhamncwa, elingama-666, nalo likwagxininisa kwisithandathu. Oku kubonisa ukuba umfanekiso omiswe nguNebhukadenetsare usisibonelo nje sento iBhabheli yesiphelo eya kuyenza ngemihla yokuphela (jonga uDan. 3:1 ubone umfanekiselo wesithandathu namashumi amathandathu). Ngoko ke, siyalungisa ukuqaphela oko kwenzekayo kule nkcazo nendlela uThixo akhokela ngayo ulawulo lwemicimbi yehlabathi.

**Ukunqula asikuko ukuguqa nje phantsi phambi komntu okanye into nokuvuma ekuhleni ukuba uyithobele. Zeziphi ezinye iindlela, ezirhubuluza kakhulu, esinokuphela sesinqula into engeyiyo iNkosi yethu?**

# Lwesibini

*21 Januwari*

## Uvavanyo Lomlilo

KumaHebhere amathathu, unqulo lomfanekiso olwanikelwa ngukumkani lungunomgogwana ocacileyo wonqulo lwasetempileni eYerusalem, awayenamava alo kwasebuncinaneni bawo. Nangona ayenezikhundla ebukumkanini enyanisekile kukumkani, ukuthobela kwawo uThixo kumisa umda ekunyanisekeni kwawo kumntu. Ngokuqinisekileyo anentumekelelo ukuqhubeka esebenzela ukumkani njengabaphathi abathembekileyo; phofu, ayengakwazi ukuba yinxalenye yenkonzo.

**Funda: Eksodus 20:3–6 noDuteronomi 6:4. Yintoni eziswa zezi ndima eyaqinisekayo ngokuphembelela ukuma okwenziwa ngala madoda?**

Ukulandela imiyalelo enikwe ngukumkani, bonke abantu babesithi sakuvakala isandi somculo wezixhobo bathobe banqule umfanekiso wegolide. Yayikuphela aba bathathu-uShadraki, uMisheki, noAbhenego-abangazange bamthobele ukumkani. Kwangoko, amanye amaBhabheli ayitsalela kulo mcimbi ingqondo kakumkani. Abamangali babefuna ukumenza abe nomsindo ukumkani ngokuthi: (1) ibingukumkani ngokwakhe obeke la madodana abe ngabongameli kummandla weBhabheli; (2) amadoda amaYuda akabanquli oothixo bakakumkani; aye (3) engawunquli umfanekiso wegolide omiswe ngukumkani (Dan. 3:12). Wathi sele enomsindo enjalo ngakuwo, ukumkani wawanika la madoda mathathu ithuba lesibini. Ukumkani ukulungele ukuyiphinda yonke inkqubo ukuze la madoda akwazi ukurhoxa kwindawo yawo awunqule umfanekiso. Ukuba athe ala, aya kuphoswa ezikweni lomlilo. UNebhukadenetsare wasivala isimemo sakhe ngelona bango linokuziphakamisa: "Ngubani na ke uthixo oya kunisindisa esandleni sam?" (Dan. 3:15). Bezaliswe sisibindi esivela ngasentla, bamphendula ukumkani bathi: "Kanti ke, ukuba kuhamba ngolo hlobo, uThixo wethu esimnqulayo unako ukusihlangula ezikweni elivutha umlilo, nasesandleni sakho, kumkani. Ke ukuba akunjalo, makwazeke kuwe, kumkani, ukuba asiyi kubabusa othixo bakho, asiyi kuqubuda kumfanekiso wegolide owumisileyo" (Dan. 3:17, 18, NKJV).

**Nangona babesazi ukuba uThixo wabo unako ukubahlangula, abanaso isiqinisekiso sokuba uya kukwenza oko. Sekunjalo, bala ukuwuthobela umyalelo kakumkani, besazi ukuba banako ukutshiswa bephila. Silufumana phi ukholo olunjalo?**

# Indoda Yesine

**Funda: Daniyeli 3:19–27. Kwenzeka ntoni? Ngubani omnye umntu lo?**

Akuba ebaphosile abathembekileyo bamaHebhere emlilweni, uNebhukadenetsare udidekile kukubona ubukho bomntu wesine ngaphakathi eziko. Ngolwakhe ulwazi analo, ukumkani ufanisa umntu wesine "[no]Nyana kaThixo" (Dan. 3:25). Ukumkani akakwazi ukuthetha kakhulu, kodwa siyazi ukuba ngubani umntu wesine. Ubonakala kuAbraham phambi kokutshatyalaliswa kweSodom neGomora, ubambana noYakobi ngasemlanjeni iYabhoki, azityhile kuMoses etyholweni elivuthayo. NguYesu Kristu ekwimo yangaphambi kokuba azalwe ngumntu, eze kubonisa ukuba uThixo uma nabantu baKhe ezinkathazweni zabo. UEllen G. White uthi, "Kunjalo, uYehova akazange abalibale abaKhe. Ngexesha amangqina aKhe ejulelwa eziko, uMsindisi waziveza ngokwaKhe ubuQu kubo, baza bathi bekunye, bahamba esazulwini somlilo. Phambi kukaYehova wobushushu nokubanda, amalangatye alahlekwa ngamandla awo okutshabalalisa." —Abaprofeti Nookumkani, iph.423.

Kunjengoko uThixo athi kuIsaya, "Xa uthi uwele emanzini, ndoba nawe; nasemilanjeni, ayisayi kukuntywilisela; xa uthi uhambe emlilweni, akuyi kurhawuka, nelangatye lingakutshisi" (Isa. 43:2).

Nangona siwathanda amabali anje ngala, asusa umbuzo ngabanye abangaye bahlangulwe nommangaliso ngenxa yokholo lwabo. Abo bantu, ngokuqinisekileyo, bayazi ngamava kaIsaya noZekariya, ababulawa ngukumkani okhohlakeleyo. Kuyo yonke imbali engcwwele, kude kuze kule mihla yethu, amaKristu athembekileyo aye anyamezela ukubulaleka kakubi eyaba sisiphelo kubo,okwalapha, kungengayo indlela yokuhlangulwa emangalisayo kodwa ngokufa okubuhlungu. Nantsi enye imeko eyodwa apho abathembekileyo bezuza ukuhlangulwa ngommangaliso kodwa, njengoko sisazi, izinto ezinjalo azikholisi kwenzeka.

**Kwelinye icala, kukuthini ukuhlangulwa ngommangaliso abaya kubanako bonke abantu abathembekileyo bakaThixo, okuba isiphelo sabo sibe njani apha? (Jonga u-1 Kor. 15:12–26.)**

# Imfihlo Yokholo Olunjalo

Njengoko sijonga amava kaShadraki, Meshaki, noAbhede-Nego, singazibuza thina: Yintoni imfihlelo yokholo olomeleleyo? Bakulungela njani ukutsha bephilile endaweni yokunqula umfanekiso? Cinga ngazo zonke iindlela ababengacinga ngazo ukukuthethelela ukuguqa bethobela imiyalelo kakumkani. Kanti ke, ngaphandle kokuqonda ukuba babe nokufa, njengoko abanye abaninzi bafayo, sekunjalo, baya bema baqina.

**Funda: Hebhere 11. Isifundisa ntoni ngento oluyiyo ukholo?**

Ukuze kukhuliswe ukholo olunjalo, sidinga ukuqonda ukuba luyintoni ukholo. Abantu banengqondo yobuninzi bokholo; balulinganisa ukholo lwabo ngeempendulo ababonakala bezifumana kuThixo. Baya evenkileni bathandaze ukuba bafumane indawo yokumisa imoto. Ukuba bathe bayifumana xa befika, bagqibe kwelokuba banokholo olomeleleyo. Ukuba zonke iindawo zizele, bayakwazi ukucinga ukuba ukholo lwabo alomelelanga ngokwaneleyo ukuba uThixo ayiphulaphule imithandazo yabo. Oku kuqondwa kokholo kubayingozi kuba luzama ukumsebenza uThixo kwaye alukuqondi ukulawula nobulumko bukaThixo.

Ngokwenene, ukholo olunyanisileyo, njengoko lwabonakala kubahlobo bakaDaniyeli, lulinganiswa ngohlobo lokulunga kolwalamano noThixo nokuba nomphumela kwalo ekumthembeni ngokupheleleyo uThixo. Ukholo lwenene aluzami ukuyipetya intando kaThixo ukuba ivumelane nentando yethu. Endaweni yoko, lunikela intando yethu kwintando kaThixo. Njengoko sibonile, amadoda amaHebhere amathathu awayazi ngokuqinisekileyo into uThixo awabekele yona kuvimba waKhe xa egqiba ukunika umngeni ukumkani ngokuhlala ethembekile kuThixo. Agqiba ukwenza okulungileyo nokuba zithini iziphumo. Yinto le ebonisa uphawu lokholo oluvuthiweyo. Silubonisa ukholo lwenene xa sithandaza eNkosini ngenxa yoko sikufunayo kodwa siyithembe ukuba iya kwenza oko kulunge kakhulu kuthi, nokuba ngelo xesha asiqondi ukuba kwenzeka ntoni, nokuba kutheni.

**Zeziphi iindlela esinokulusebenzisa ngazo ukholo lwethu imihla ngemihla, nokuba "kukwizinto ezincinane" ezinokulunceda ukholo lwethu ukuba lukhule lulungele imingeni emikhulu ekuhambeni kwexesha? Kutheni, ngendlela ezininzi, ukuvavanywa okuninzi "kwizinto ezincinane" kukokona kubalulekileyo nje?**

## Ingcamango Eyongeziweyo:

“Izifundo ezibalulekileyo zinokufundwa kumava olutsha lwamaHebhere ekwithafa laseDura. Ngale mihla yethu, abaninzi babakhonzi bakaThixo, nangona bemsulwa ekwenzeni ubugwenxa, baya kunikelwa ekungcikivweni nasekuphathweni kakubi ezandleni zabo bathi, bephefumlelwe nguSathana, bazaliswe ngumona neenkani ngasenkolweni. Ngokukodwa, ingqumbo yomntu iya kuvuswa ukuba ibachase abo bangcwalisa iSabatha yomthetho wesine; kuze kuthi ekugqibeleni umthetho ubachithe aba njengabafanele ukufa.

Ixesha loxinzelelo oluphambi kwabantu bakaThixo, luya kufuna ukholo olungasayi kugqwidiza. Abantwana baKhe kufuneka babonakalalise ukuba nguYe kuphela abamnqulayo, nokuba, akukho kucingela, nobomi ngokwabo, okunokuboyisela ukuba benze nokuncinane ukuvuma kunqulo lobuxoki. Kwintliziyo enyanisekileyo, imiyalelo yabantu abanesono nabatshabalalayo isuka inyamalale ingabonakali nokubonakala ecaleni kwelizwi likaThixo ongunaphakade. Inyaniso iya kuthotyelwa nangona isiphumo ikukuvalelwa entolongweni okanye ukusiwa ekudingisweni okanye ukufa.”—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani,* amaph. 425, 426.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

**1. Funda: 1 Peter 1:3–9. Kutheni le nto uThixo ebahlangula abanye ekubulalekeni angabahlanguli abanye? Okanye ingaba impendulo kwimibuzo enje yinto esingenako ukuyizuza ngoku? Kwiimeko apho ingakhe yenzeke imimangaliso yokuhlangulwa, kungani kudingeka ukuba sikuthembe ukulunga kukaThixo naxa kukho ukudaniswa?**

**2. Ukuba esi siganeko sasiphela ngokufa kwamadoda amaHebhere ezikweni elivutha umlilo, besisaza kufumana isifundo esithini apho?**

**3. Ekuqondeni kwethu iziganeko zemihla yokuphela, uya kuba yintoni umqondiso wangaphandle, umba, ongokuba uzinze kubani esithi simnqule? Kunokusixelela ntoni oku ngoku ngokuba, ngokwenene, ibaluleke njani iSabatha?**

**4. Funda: Luka 16:10. Asinceda njani amazwi kaKristu apha ekuqondeni ukuba kukuthini ngokwenene ukuphila ngokholo?**

**5. Phinda ufunde uDaniyeli 3:15, xa uNebhukadenetsare esithi, “Ngubani na ke, uthixo oya kusindisa esandleni sam?” Wawuya kuwuphendula njani loo mbuzo?**